

INYATHELO LE2:

Emva kokuba uyigcwalisile ifomu,

- ✓ Yingenise kuyo nayiphina iofisi kamasipala engonakekelo labaxumi
- ✓ Ifomu namaxwebhu ezicelo angathunyelwa kwenye yezi dilesi ezingimeyile ezifanelekileyo:

- Rates.Rebate@capetown.gov.za
- Indigent.Relief@capetown.gov.za
- Payment.Arrangements@capetown.gov.za

Ukubhalisela uncedo olungeentlawulo zobuhlali nezenkonzo luyakuthi luqhubekeke ngokusemthethweni isithuba seenyanga ezilishumi elinambini (12). Ngokujoliswe kubahlali abaneminyaka ubudala engamashumi amathandathu (60) nangaphezulu, luyakuthi luqhubekeke iminyaka emithathu kude ibelungqomaxabiso ngokuphangaleleyo olulandelayo.

Ngaphambi kokuba uphinde ufake isicelo, kufuneka wennze isicwangciso sokuhlawule yonke imali oyityalayo kumasipala.



Uncedo lwesaphulelo olujoliswe kwabo badla umhlalaphantsi nabo bafumana isibonelelo esingentlalontle


- ✓ Abadla umhlalaphantsi, abaneminyaka engama60 nangaphezulu ubudala, nabo bafumana isibonelelo sezentlalontle esisixamali esingama R10 000 okanye nangaphantsi, bayakufaneleka ukuba bafumane isaphulelo seentlawulo esili100%
- ✓ Abadla umhlalaphantsi abaneminyaka engama60 okanye nangaphezulu ubudala nabo bafumana isibonelelo sezentlalontle esisixamali esingaphezulu kuma R10 001 kodwa esingadlulanga kumaR27 000 bayakufaneleka ukuba bafumane isaphulelo seentlawulo esiphakathi kwe10% nama90%



Ukuze ufumane iinkcukacha ezingezinye, ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/socialsupport

UNCEDO KWIINTLAWULO KUNYE NEENKONZO

UNCEDO LUYAFUMANENKA



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Abahlali abafanelekileyo ukuxhamla abaminyaka yokuzalwa nokuba mingaphi na, abanomvuzo ongamaR7 500 nangaphantsi ngenyanga, banelungelo lokufumana isaphulelo se100% kwiintlawulo zobuhlali nakwiinkonzo zokuthuthwa kwenkunkuma kwaye bafumane iinkonzo ezingahlawulelwayo zamanzi aziikhilolitha ezili15 (15 kℓ) kunye nezogutyulo lwelindle ezizikhilolitha ezili10,5 (10.5 kℓ).



Ungasifaka isicelo ukuba:

- ✓ Ungumnini wekhaya
- ✓ Ufumana umvuzo ongamaR7 500 okanye ngeneno ngenyanga
- ✓ Ungumhlali osisigxina welo khaya
- ✓ Usebenzisa elo khaya kwimibandela engokuhlala kuphela
- ✓ Ungumntwana ohlala kwikhaya lomzali wakho ongasekhoyo (owaswelekayo)
- ✓ Ufumene indlu ngokwesivumelwano soqhawul'omtshato

UKUCINYWA KWETYALA

Ukuba utyala umasipala isixa esithile semali, unakho ukuxhamla kwisaphulelo se100% sokucinyelwa ityala elo.

Ukuze usifumane kufuneka ube ufakele imitha yombane ehlawulelwa ngaphambi kokuba usebenzise umbane.

Ukuba ayifakelwanga imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambi kokuba usetyenziswe umbane, nceda wenze isicelo semvume yokuba ifakelwe imitha yombane.



NDINGASINGENISA KANJANI ISICELO?

INYATHELO LOKUQALA (1):

I-imeyile: Indigent.Relief@capetown.gov.za

Okanye

Ndwendwela iofisi kamasipala ekufutshane nawe.

Amaxwebhu afunekayo:

- ✓ Ikopi eqinisekisiweyo yencwadana yesazisi (ikopi ye-ID) okanye ikhadi lesazisi
- ✓ Ingxelo eyinkcazelo yasebhankini ephuma kuwo onke amaziko ezimali yesithuba seenyanga ezintathu okanye ingxelo efungelweyo echazayo ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini
- ✓ Ingxelo engebhondi yakho yesithuba sakutshanje seenyanga ezintathu okanye ingxelo efungelweyo echazayo ukuba akunayo iakhawunti yebhondi
- ✓ Ubungqina xa ngaba ufumana isibonelelo sokukhubazeka, isibonelelelo sezentlalontle okanye sezomhlalaphantsi
- ✓ Ukuba ufumene indlu njengelifa, kokufuneka ikopi yamaxwebhu ongokulilifa
- ✓ Ifomu egcwalisiweyo yesicelo esingentlawulo yetyala, apho kufanelekile

Ukuba uqeshiwe, nceda uquke oku kulandelayo:

- ✓ Isiliphu sakalokunje esingomvuzo okanye ileta evela kumqeshi wakho ecacisa ngomvuzo wakho
- ✓ Ukuba uziqeshile, kufuneka ingxelo efungelweyo ecacisa ukuba ufumana umvuzo ongakanani na ngenyanga

Ukuba awuqeshwanga, kufuneka unikezele ngengxelo efungelweyo, ecacisa ukuba:

- ✓ Awuqeshwanga kwaye awunawo umvuzo ongomnye owufumanayo